Lirolelwa 8/6 nge Kwata (itu- nyelwe ingekapeli)
4s ipele i Kwata ingarolwa- nga.
Unokuhlaulelwa wonke Unya- ka ekuveleni kwawo nge 13s 6d.
Izaziso Zabazelweyo, Aba- tshatileyo, Nemibiko, irolelwa *2s* 6d, zingene kanye; 3s 9d kabini; 5s katatu.

Imvo Neliso Lomzi

(NATIVE OPINION AND GUARDIAN.)

Authorized Medium for the Publication of Government Notices addressed to Natives throughout the Colony and the Territories,

IXABISO 3d] KING WILLIAMS TOWN, CAPE COLONY, THURSDAY, JULY 9, 1896. [Vol. XII No. 6

ELIPEPA LIPUMA NGOLWESI-NE
IVEKI ZONKE
Lijonge Ilungelo Lomzi ku- pela.
Limele imfanelo ya Bantsu- ndu ngapandle koloyiko.
Alicaluli Sizwe nalu Nqulo.

IZAZISO ZAKOMKULU.

ZISHICILELWA NGE GUNYA.

ISAZISO SAKOMKULU,—No. 28,1896.
Kwi Ofisi ye Nkulu Yonocanda,
Cape Town, 8 *May,* 1896.

NGENXA ye Siqendu sesibini so Mteto No 15 ka 1887, esite songezelelwa sisiqendu sesine, sesihlanu, nesesitandatu so Mteto No. 40 ka 1895, kuyaziswa ke kubo bonke ukuba eziziqwenga zilandelayo zemihlaba yakwa Rulumente ezikufapi ne dolopu yase CALA kumandla wase Xalanga, naseba Tenjini, ziya kutetelwa efandesini pambi kwe ofisi ye Mantyi yase IDUTYWA 10 o'clock kusasa ngolwesi BINI, 21 JULY, ngo 1896; ngokwendawo nezigqibo zalo Mteto ungentla, nendlela yokuqutywa kwe fandesi, nangapezu koko ngendawo ezingati zivakaliswe ngemini ye fandesi.

Isiqwenga ngasinye siya kutengiswa ngenani elimisiweyo, noyena mtengi onani lipezula lingengapantsi kwelo limisiweyo nya kuwunikwa lomhlaba.

Kanjalo umtengi lowo uyakuba ne mvume yokuhlaula yonke okanye inxalenye yemali awntenge ngayo kwalo mini. Ukuba

(i.) Intlaulo ayirolwanga ngemini ye fandesi, isiqendu seshumi semali leyo sorolwa ngenyanga ezintandatu, size esinye seshnmi sirolwe ngonyaka ukususela kwimini yefandesi.
(ii.) Ze kuti ukuba kurolwe imali enga- pantsi kwesiqendu seshumi semali otengwe ngayo ngalo mini, eseleyo kweso siqendu seshumi yohlaulwa nge nyanga ezintandatu, ze isiqendu seshu- mi esisleyo sihlaulwe ngonyaka uku- susela kumhla we ntengiso.
(iii.) Xa ite imali ehlaulweyo ngemini yefandesi yasisiqendu seshumi senani nokuba lilipina pakati kwesiqendu se shumi nesesihlanu senani lentengiso (yomhlaba lowo) intsalela yesiqendu sesihlanu senani lentengiso iya kuhla- ulwa ekupeleni konyaka ukususela kumhla we fandesi.
(iv.) Xa lite inani lentengiso langapantsi kwa £25 lonke elonani liya kurolwa kwangoko, umhlaumbi kurolwe iziqi. ngata kwisituba seminyaka emitatu.

Inzala kwezo siqingata zixeliweyo ngentla apa yoba yi 4 per cent. ngonyaka; ukuhlaulwa kwezo ziqingata ndawonye nenzala yazo kuya kulungiswa ngalomhla we fandesi, kubeko isibambiso ezibini eziya kukolisa imantyi, eziya kuti ke ziqinisekise ukuhlaulwa kwalo matyala.

Ukuba ke ute umtengi, umhlaumbi iziba- mbiso zake azapumelela, okanye azanela ukuhlaula imali yokutengwa komhlaba kwi situba sexesba elimisiweyo, kuya kumfanela u Rulumente ukuba akucime oko kutengi- swa, ize iti imali ebiselihlaulwe ingabalelwa kwanto isiwe ku Rulumente.

Indleko zocando, njalo njalo, nezetaitile ziya kuhlaulwa kwi mantyi okanye kumntu owoti amiswe kulondawo ngalomhla we fandesi.

Umtengi unyanzelekile ukuba enze imvumelwano yokuba uya kurola inzala eyakuba yi 4 per cent, ngonyaka ku Rulu- mente endaweni ye four-fifths yemali yentengiso, ade abe ubhatele ngomhla we fandesi ngapezu kwe one-fifth sayo, enga- seyisiti inzala irolwe kulo mail ingekahla- ulwa, waye umtengi enako ukuhlaula imali yemvumelwano naninina nokuba yinxalenye yayo ingengapantsi kwe £50.

Ukuba umtengi ufuna ukuba ake eme ekuhlauleni intsalela yemali yokutengwa komhlaba kuya kufuneka enze imvumelwano yenyanga ezilishumi elinantatu ukususela kumhla we fandesi, engayenzanga lonto nya kudliwa i 1/ yonke imihla xa selidlule ixesha lomnqopiso, ekuya kuti ukuba kude kwapatelela kwinyanga ezilishumi elinesi- bhozo emva koko lomali iseleyo kunye ne nzala yale yokudliwa ukuba iko kufuneke eyihlaule iyokuhlanganiswa nokokuba kukuyi pina inkundla ati ukuba akayiroli emva kwenyanga sakuba isigwebo siwile lomhla- ba uhlutwe ngu Rulumente ze imali abe seleyirolile iginywe ngu Rulumente.

Izalatiso nemigaqo yefandesi ingabonwa kwi ofisi ye Nkulu yo Nocanda e Kapa, nakweye Mantyi e Cala.

J. TEMPLER HORNE,
Surveyor.General.

Kumhlaba wa Pesha kwe NCiba—
E Dutywa.

[Ukulungiswa kwale mihlaba kuya ku- hlaulwa ngabatengi, inge ngabo abalungisi ngalomhla we Fandesi,]

No 8566, Lots 1 no 6, Block C ; ububanzi 200 square roods ; inani lentengso, £20; indleko zocando, £5 8/4; inani lendleko zokuwu lungisa, £137 10/.

No 8567, Lots 1 no 6, Block F; ububanzi 200 square roods; inani lentengiso, £20; indleko zocando, £5 8/4; inani lendleko Zokuwu lungisa, £650.

No 8568, Lots 4 no 5, Block Kububanzi 200 square roods ; inani lentengiso, £20 ; indleko zocando, £5 8/4; inani lendleko zokuwu lungisa, £1,460.

No 8569, Lot 6, Block K ; nbubanzi 100 square roods ; inani lentengiso, £10 ; indle- ko zocando, £2 14/2.

No 8570, Lot 7, Block K ; ububanzi 100 square roods ; inani lentengiso, £10 ; indleko zocando £2 14/2.

No 8571, Lot 5, Block L ; ububanzi, 100 square roods ; inani lentengiso, £10 ; indleko zocando, £2 14/2; inani lendleko zokuwu lungisa, £160.

No 8572, Lot 6, Block L ; ububanzi, 100 square roods ; inani lentengiso, £10; indleko zocando, £2 14/2.

No 8573, Lot 10, Block M; ububanzi, 100 square roods ; inani lentengiso, £10. Uxho- nywe nge £10; indleko zocando £2 14s 2d, indleko zokuwulungisa £10.

No 8574, Lot 11, Block M, ububanzi 100 square roods; inani lentengiso £10 3s; indleko zocando £2 14s 2d.

No 8575, Lot 12, Block M, ububanzi 100 square roods; iuani lentengiso £10; indleko zocando £2 14s 2d ; indleko zokuwulungisa 250.

W, No 8576, Lots 12 & 13, Block O, ububanzi 198 square roods 36 square feet; inani le ntengiso £20; indleko zocando £4 8s 4d; indleko zokuwulungisa £167.

No 8577, Lot 1, Block P, ubukulu 100. Inani lentengiso £10; indleko zocando £2 14s 2d.

No 8578, Lot 2, Block P, ubukulu 100 square roods. Inani lentengiso £10 ; indle- ko zocando £2 14s 2d.

No 8579, Lot 1, Block Q, ubukulu 100 square roods; inani lentengiso £10 ; indleko zocando £2 14s 2d ; indleko Zokuwulungisa £120.

No 8580, Lot 2, Block Q, ubukulu 100 square roods ; inani lentengiso £10 ; indleko zocando £2 14s 2d ; indleko zokuwulungisa £40.

No 8581, Lots 1 & 2, Block R; ubukulu 200 square roods ; inani lentengiso £20 ; indleko zocando £5 8s 4d; indleko zokuwulungisa £335.

No 8582, Lot 3, Block R, ubukulu 100 square roods ; inani lentengiso £10; indleko zocando £2 14s 2d.

No 8583, Lot 4, Block R, ubukulu 100 square roods ; inani lentengiso £10; indleko zocando £2 14s 2d ; indleko zokuwulungisa £2,70).

No 8584, Lot 5, Block R, ubukulu 85 square roods 52 equate feet; inani lente- ngiso £10 ; indleko zocando £2 14s 2d.

No 8585, Lot 6, Block R, ubukulu 47 16 square feet; inani lentengiso £10; indle- ko zocando £2 14s 2d.

No 8586, Lot 7, Block R, ubukulu 93 square roods 116 square feet; inani lente, ngiso £10 ; indleko zocando £2 14s 2d.

No 8587, Lot 5, Block W, ubukulu 100 square roods ; inani lentengiso £10; indleko zocando £2 14s 2d.

No 8588, Lot 6, Black W; ububanzi, 100 square roods ; inani lentengiso, £10 ; indleko zocando, £2 14/2.

No 8589, Lot 1, 2, no 7, Block X; nbu- banzi, £300 ; inani lentengiso, £30; indleko zocando, £8 2/6; inani lendleko zokuwu lungisa, £420.

No 8590, Lot 3. Block X; ububanzi, 100 square roods ; inani lentengiso, £10; indleko zocando, £2 14/2.

No 8591, Lot 4, Block X; ububanzi, 100 square roods ; inani lentengiso, £10 ; indleko zocando, £2 14/2.

No 8592, Lot 5, Block X; ububanzi, 100 square roods; inani lentengiso, £10 ; indleko zocando, £2 14/2.

No 8593, Lot 6, Block X ; ububanzi, 100 square roods; inani lentengiso, £10; indleko zocando, £2 14/2.

No 8594, Mill's Erf; ububanzi, 314 square roods 60 feet; inani lentengiso, £10; indleko zocando, £2 14/2; inani lendleko Zokuwu lungisa, £820.

No 8595, Philip's Erf; ububanzi, 1 me. kolo; ioani lentengiso, £10; indleko zc. oando, £2 14/2; inani lendleko zokuwu lungisa, £475.

ISAZISO SOKOMKULU.—No 44,. 1896.
Kiel Ofisi Enkulu Yonocanda.
E Kapa 9 *June* 1896.

KUYAKUBA ko ifandesi lemihlaba yakwa Rulumente ekumandla wase Cumakala pambi kwe ofisi ye mantyi ysse Cumakala ngo 10 Kusaga ngolwesi BINI 18 AUGUST, 1896. Elifandesi ke liyaku- qutywa pantsi kwe migaqo ekwi Saziso Sakomkulu u No. 28, 1896 (siku mhlati wokuqala), Izalatiso nemigaqo ye fandesi ingabonwa kwi ofisi ye Nkulu yonocando e Kapa nakweye Mantyi e Cumakala.

' J. TEMPLAR HORNE,
Surveyor General.

Kumandla wase Cumakala.

Lot No. 7,590, ekutiwa ngu Lot No. 26 Kufupi nomzi wase Cumakala, ububanzi 283 square roods 67 square feet; upela ngasentla ngomplaba womntu otile, ngase mpumalanga ngomhlaba womntu otiie, ngase ntshona- lanya nge sitalato. Inani lentengiso £1 ; indleko zocando njalo, njalo, £3 5s 6d ; eye taitile 12s 3d.

Lot No. 7 591 ekutiwa ngu Lot No. 28 kufupi nomzi wase Cumakala, ububanzi 283 square roods 67 square feet ; upela nga. sentla nge sitalato, ngezantsi ngase mpuma- langa ngomhlaba womntu otile, ngasentla ngase mpumalanga nge sitalato, nge zantsi ngase ntshonalanga ngomhlaba womntu otile. Inani lentengiso £1 ; indleko zocando njalo, njalo, £3 5s 6d ; eye taitile 12s 3d

Lot No. 7 846, ekutiwa ngu mhlaba obu dongwe, ububanzi 2 morgen 466 square roods 3 square feet. Upela ngasentla nangase mpumalanga ngomhlaba ka Captain Schultz, nge zantsi nangase ntshonalanga ngomhlaba ka Rudolph Lentz ne Ndlela. Inani lentengiso £10; indleko zocando njal o njalo £10 15/3 ; eye taitile 12/3

Kwintili ye Kubusi.

Lot No 7,847, ongu Lot 41. ububanzi 16 morgen 570 square roods; upela ngasentla entshonalanga ngo lots 39 no 40, ngezantsi ngase mpumalanga ngo Lot 43, ngezantsi ngase ntshonalanga ngo Lot 42, ngentla ngase ntshonalanga ngo Lot 36. Inani lentengiso £50; indleko zocando £9 3/9; eyo taitile 12/3.

Lot No 7,848, ongu Lot 42, ububanzi 12 morgen 237 square roods; upela ngentla ngase mpumalanga ngo lot 41, ngezantsi ngase mpumalanga ngo lot 43, ngezantsi ngase ntshonalanga ngedlelo, ngentla ngase ntshonalanga ngo lot 35. Inani lentengiso £37; indleko zocando £9 3/9 ; eye taitile 12/3.

Kumzana wase Cumakala.

8656 Isisa Lot 3 Block X, ububanzi 39 square roods 12 square feet, inani lentengiso £5, indleko zocando £1 6/, eyetaitile 12/3.

8657, Isiza Lot 4 Block X, ububanzi 39 square roods 12 square feet, inani lentengiso £5, indleko zocando £1 6/, eyetaitile 12/3.

8658, Isiza Lot 10 Block X, ububanzi 39 square roods 12 square feet, inani lentengiso £5, indleko zocando £1 6/, eyetaitile 12/3.

8659, Isiza Lot 11 Block X, ububanzi 39 square roods 12 square feet, inani lentengiso £5, indleko zccando £1 6/, eyetaitile 12/3.

6751, Isiza Lot 5 Block Z, ububanzi 39 square roods 12 square feet, inani lentengiso £5, indleko zccando £1 6/, eyetaitile 12/3.

6752, Isiza Lot 6 Block Z, ububanzi 39 square roods 12 square feet, inani lentengiso £5, indleko zocando £1 6/, eyetaitile 12/3.

Imihlaba Elahliweyo.

ISAZISO SAKOMKULU,—No 250,1896.
Kwi Sebe Lokulima,
Cape of Good Hope,
13 *March,* 1896.

KUYAZISWA apa, ngokwe Siqendu Sokuqala so Mteto we Mihlaba Elahliweyo, u No. 3 we 1879, owahlonyelwa yi Miteto Nos. 24 we 1887, no 15 we 1895, ukuba elimlaba ungezantsi, ekwi Siqingata sase Qonce, ikangelwe njenge lahliweyo, waye u Rulumente eya kuyitabatela kuye ngomhla we

14 AUGUST, 1896,

ukuba ngeloxa akuvelanga baniniyo, okanye irafu ezingamatyala kuyo zihlaulwe ku Mantyi ,veso Siqingata, njengoko kufuneka njalo ngokwe Siqendu salo Mteto ukankanywe ngentla.

CHARLES CURREY,

Unobala Ongapantsi we Sebe Lokulima.

Imihlaba ekwi Siqingata sase Qoqce.

Qabongwana Tyinika, e Mgqwakwebe (ka Ross), Isiza Lot No. 4, Block U, ne Ntsimi, Lot No. 188. Imali elityala: £3 13 11d.

Nika Mzati, e Mgqwakwebe (ka Ross), Isiza Lot 4, Block G.G., ne Ntsimi Lot No. 189. Imali elityala : £3 0/8.

Ungindo, e Mkangiso. Isiza No. 8, Block D., ne Ntsimi No. 55. Imali elityala : £3.

Klaas Faku, e Ncemera (ka Baliti). Isiza Lot No. 6 Block N., ne Ntsimi Lot No. 12, Block D. Irafu elityala:E3.

Kwabatenga e Rini!
UKUBA UYAFA!
—YIYA KU—
F. J. ABBOT
IKEMIST, E RINI.
Uyakukupilisa
Msinyane!
Amanani ake Alula!

HEPWORTH'S Limited, Abenzi naba Siki be Ngubo,

IMPAHL Aezintsha ezifikileyo ziko ngoku zonke zibekwe amanani abona- kalayo nalula angala :—

Isuti zama Kwenkwe ziqala kwi 3/6 zinyuko Ibhulukwe zama Doda ziqala kwi, 7/11 zinyuke
„ „ Doda „ 21/- „ Idyasi „ „ „ 21/-ziye kwi 27/6

ZISHIYANA NGOLUSU LWAZO

KANIZOKUBONA ISUTI ZETU ZOKU TSHATA—Ziqala kwi 42/- ezona ntlobo zintsha kwimpahla yakwo HEPWORTH akuko mavukuvuku kupela zezomeleleyo ngamanani alula. Kanize kulinga kwa HEPWORTH Limited, Maclean Street, E-Qonce.

LEMINYAKA I 18

IGQITILEYO,
SINGENISE KWELI LIZWE
IBLANKETE ZOBOYA.

EZILUKWE NGOBUGCISA OBU BODWA, Igama lazo yi "EXTRA NAVY or MATTROSS."

Kungeniswe ngabanye intlobontlobo ezifana noluhlobo; esigqibe ke kwelokuba SIZIPA- ULE i BLANKETS ZONKE ngopawu esi- luqinisele na Komkulu ngohlobo lwemifa nekiso le yongamele lenteto.

Ukuba ufuna IBLANKETE YEYENE-

NE, kangelisa kunene ukuba ina- wona umfanekiso we NGONYAMA kwelinye LAMASONDO ayo.

ZONKE EZI BLANKETE ZIZEZINGATANDATYU- ZWAYO.
ZONKE EZI BLANKETE ZILUNGILE ZITE GUNGQU.
IBLANKETE NGANYE IYAYIVELA IMBOLA.

Kwivenkele enitenga kuzo-ke bizani Iblankete ezinomfanekiso we Ngonyama.

Ziya kubako kuzo zonke ivenkile za Pesheya kwe Nciba nase zidolopini zonke,

---

APO ZIPAKULWA KONA KUKO

James W. Weir & Co.

E QONCE.

Ngabo bodwa abanokubhala lomfanekiso we Ngonyama

Jongani apa Batembu! Umzi Wenu!

J. W. GARRETT & Co., IZITORA ZE GLEN GREY

LADY FRERE,
IVENKILE ENENCASA, IMPAHLA IHLABA EKOSI!

Betani uxongo Manene, Maledi, nityebise "amagabuko" konal Sondelani! Ibeta ugovane ati cwaka!

Izambato, Imixesho, Impahla Zendlu,—zonke izinto betu. UBOYA, IZIKUMBA, UKUTYA, ne Mpahla Ehambayo,—yiyona Ndlu encamisa igila ngexabiaso elihle. Hlohlani izipaji nize. Unconywa nga Bamhlope na Bantsundu.

BON MARCHE

JOHN W. BAYES & CO., GRAHAMSTOWN.

IVENKILE ENKULU ENTSHA,

(Ene Veranda ne Tawa ekoneni ye Bathust Street ne Bala le Tyalike ka Bishop.)

Yeyona VENKILE ITSHIPU kwimpahla Yendidi zonke—KUMADODA NAKUBAFAZI.

Ifelane, Amabhayi. o Matros Boboya, Ingcawa, Ifurini (Winseys), Ifle- nelana 3 3/4d ngeyadi, Itaweli 3d inye, Izinto Zokuqqubutela Ingcawa, Iprinti Ezibukali zama Jamani 6 1/2d ngeyadi, Ikeshmiya ezi Blanket nezimabalabala, Ityali Ezimnyama Nezimabalabala, Idyasi Zamado- da Ezinzima 10s. 6d., Ibhulukwe Zekodi 4s. 9d., Ibhatyi Zekodi 6s ' Neminqwazi ezi Felt.

Ibhaso Lesheleni linikwa kwi Ponti nganye umntu atenge ngayo.

JOHN BAYES & CO BON MARCHE
GRAHAMSTOWN E-RINI

ESONA SITORA SIPAMBILI
ONOKU FUMANA KUSO
EZONA MPAHLA ZILUNGILEYO
NGAPANDLE KWE NTANDABUZO KUKWA

Dyer & Dyer, limited

E-QONCE,

Ibhulukwe Zamadoda ze Twidi ... 3/11
Isuti „ 16/6
Ezilushica 22/6
Isuti Zamadoda ze Serji.....16/6
Impahla Zokutshata Ibatyi ne Ondulubatyi iqala kwi 19/-, 22/6, xide ziye kwi 30/-
Iminqwazi, Amaqina, i Gloves, Ikolala, Ihempe, Imekentoshe, Idyasi, Izihlangu, ne Shuzi njalo njalo.



Intlobo ntlobo Zempahla ye BOLA ne NTENETYA.



Ngamanani Alungileyo ezi Klabini.

ILANGA LINIKA
Ukukanya, Ubushushu, Ubom!



FLUID NONPOISONOUS
SHEEP DIPS

LITTLE'S
POWDER POISONOUS

I DIP yetu ye Gusha inika ukupila emihlambini iyawa nelisa Amafama antsundu yaye ivunywa ngabo bonke ukuba yoyona DIP ifanele umzi o Pesha kwe Nciba

T. BIRCH & CO.,

(Ebisakuba yeyo COPELAND & GREED),

CHURCH SQUARE, E-RINI.

BAWUQUQUZELELA umzi ngayo yonke into ekumkondo wengubo zokunxiba, ngamanani angapantsi enokutengisawa ngawo impahla.

Bakulumkele ukuba yonke into eyingubo yowabo umzi ibe yelushica, nefane- lekileyo.

KWEZEMITSHATO, sihleli sigcina ezona zintle kunene Ilokwe Izigubungelo — Intyantyambo, njalo njalo.

Kwakona ezenziwe kakuhle ingubo zangapantsi, ngamanani angaqqitileyo. Kwanye njengokuba Kugcinwe o Dressmaker abalungileyo kwase Venkileni, ingubo zomtshato zinokuqitywa ngokumsinyane, zizezentlobo zona ezintsha kanye, ngapandle kwendleko enkulu.

NINGAULIBALI APO UKONA UMZI

T. BIRCH & CO.

CHURCH SQUARE, E-RINI,

Ikwangamasebe abo E-BHAI nase JOHANNESBURG.

LAMPLOUGH TRAINING INSTITUTION for GIRLS,

BUTTERWORTH

ESISIKOLO sase-Gcuwa sokuqeqesha umtinjana kuzo zonke izifundo ezipambili nezobutitshala siyakuvulwa ngolwesi-

HLANU, JULY 24th, 1896,

Abazali abanqwenela ukutumela abantwana mabakauleze ukucela indawo; bangalibali ukuba kuziwe nemali esandleni.

Onombuzo angabhekisa ku

394] Rev. THEO. R. CURNICK, Umlauli.

O BAKER, BAKER, and CO.,

E QONCE.

Siya kwa BAKER!

Bane Fandesi Elikulu!

NGOKUNJE

Yonke Impahla Itotyiwe!

I Printi ziqala 2d. pr yd
Imuslin 1d.

IZIHLANGU,
ZONA ZITOTYWE KAKULU KANYE.
IMPAHLA ZAMADODA NAMA KWENKWANA,
KUFUNEKA ZITENGIWE ZAPELA.

Elowo makake eze Kuzibonela ngokwake.

Kwa BAKER, BAKER & CO

Beauchamp, Booth & Co

E QONCE

Siyanazisa ukuba siwafezile amalu- ngiselelo ebe siwenza sine

Mpahla Ezintsha!!!

I GERMAN PRINTS, ezona zilungileyo yi 6d. i yadi.
IZITAFU Ezipindiweyo (double width) intlobo zonke zamabala yi 1/- iyadi (ngamanani alula).
ITYALI ezintsha zoboya ezisandulu kufika ze- nziwe kakuhle ziqala kwi 4/- ziye kwi 40/- inye.
IHEMPI eziyi micako ezomeleleyo ye 6d 7 1/2d, 9d, nge yadi.

ILOKWE ZOKUTSHATA ese zenziwe kade ziqala kwi £1 5s, zide yiye kwi £5, zinako noku o- dolwa ze zenziwa kwa oko.

IVEYILE ZABATSHAKAZI, intyantyambo.

IZIHLANGU ne SHOES nayo yonke into enga- funekayo yomtshato.

Yizani Kubona Isitora setu esikulu esitsha.

Beauchamp, Booth & Co,

Late JOHN J. IRVINE & CO.

IKOMPONI ENTSHA YASE JAGERSFONTEIN YOKU-

MBA NOKUPANDA, LIMITED.

KUYAZISWA apa ukuba u MR. JAMES SAUNDERS (Mahlasa- bangella), obefudula ese Koffyfontein, unyulelwe ukuba abe ngu Mpati wa Bantsundu, ne Mingxuma e Jagersfontein, umsebenzi wowuqa- la ngo 19 Iwale nyanga.

Ngomyalelo,
NELSON S. GIRDLESTONE,
Unobhala.

Kimberley, August 14, 1895.

KUFUNWA

AMADODA apilileyo, afunelwa umsebenzi wapezulu nowa- se mngxunyeni kule Mingxuma yase Jagersfontein.

QONDANI.—Kwabakufupi e Qonce u WM. N. SIKITI, ogayayo (wase Debe), unokufunyanwa kwa Mr, Xiniwe ngaba- funa ukusiwa kulondawo inomsebenzi.

Imivuzo iyamkeleka, kutyiwa kwakona, nempato intle kakulu. 2211

PASCOE (UFOLOKOCO)

NIYAZI apo ningamfumana kona. Uyazibulisa izihlobo zake ezintsundu.

Ufuna ukuzikumbuza ukuba usandulu kufumana into eninzi yempahla ezintsha ezivela e NGILANE:—

IZIHLANGU ne SHUZI!

EZABAFAZI i SHUZI 3/6 nge pair
„ EZINEMITYA 4/6 nge pair
EZAMADODA „ (ezomeleleyo) 7/11, 8/6, njalo njalo
„ EZILUKUNI (Bluchers) 8/- nge pair

Ingubo Zamadoda Zokunxiba (ngokukodwa) Ezokutshata —Uyezvana.
Asiwalibele Namanenekazi Ilokwe Ezimhlope ze Setini ziqala kwi 30/—Qonda i £110/- qa.
Izigubungelo, Amagqabi, Ezokutshintsha Ilokwe, ne Ndilokwe, njalo njalo. Eyengeji neyokutshata imisesane Amacici, njalo njalo.

ITYALI ne PRINTI zake ziyalicimilanga, Ningazilibali ITYALI zake.
I FLANELE ziqala kwi 3d. nge yard.
I kavala zamabhayi zobusika ezinoboya 6d. nge yadi.
I KELEKO e Brown 3d. nge yadi—ummangaliso.

KWA * FOLOKOCO,*

Nge Nqu-"SALUF,"
Ezantsi ♦ Kwetyalike yama SKOTSHI,
E QONCE.

T. BIRCH & CO.

PORT ELIZABETH

I BHOTWE LE NGUBO LASE ENGLANI.

LASEKWA NGE 1860.

Kulapo zikona ingubo eziketiweyo nezilungi- leyo kule Koloni,

Ingubo Zamadoda zentlobo zonke AMANANI atotyiweyo kwi Kodi Izibhalala, Ingcawa, I Travelling Bags, ne Trunks, njalo njalo.

---------EZAMAKWENKWE ZILIQELA. ----------------------------

I HEMPE, I KAPSANA, IMINQWAZI, I KLOSBANT, AMAQINA, NJALO- NJALO.
INGUBO ZE CRICKET, EZOBU FUNDISI,

OTENGE NGE PONTI WAPULELWA U

T. BIRCH & CO.,

E BHAYI.

BATTLE'S DIP

Yeyona Ilungileyo ne Tshipu kwezi koyo.

Zingapezu 1,800 Igusha ezino kuditshwa nge 50/.

INANI LE NGU MGUBO.		INANI LE SEYI DUTYELWE.	
Nge Paketi yi	9d.	1 gallon drum yi	4/9
Ikasi ene 72 packeti yi..........................	50/-	2	9/-
Nge *paketi enye ku ditshwa 25 igusha*		5	21/-

Amanani anokutotywa nge odolo ezinkulu.

INGXELO YO MKANGELI KA RULUMENTE

Ku Messrs, ARTHUR & COMPANY, Limited.

Ekupenduleni incwadi yako yomhla we 16th ndinovuyo ukubeka pambi kwako Ingxelo ka Dr. Hahn ngale BATTLE'S Dip wenjenje ke:--

"Ekupicoteni la sampulo ye Dipu ye Gusha, ndifumana ukuba ikakulu ikolise nge Creoline, into ke leyo etshabalisa ezizilwana zitwala isifo. Ke ndazama nokutumana amandla ale Dipu ngokuyi galela atnanzi kakulu, ndayifumana isenamandla okuzibulala izilwana, ndapaula nokuba izilwana ezivela ekubo-. leni kwenyama ziya bulawa yile Dipu nokuba seyidutyelwe kumanzi ali 110 nokuba 115 ubuninzi bawo. Ndiyayi yaleza kakulu le Dipu ngenxa yoncedo Iwayo."

(Ibalwe yi Traffic Manager).

W. O. CARTER,
Umlauli Wezitora Zomanyano

KING WILLIAMS TOWN.

The New Jagersfontein Mining & Exploration Co,

(LIMITED)

NOTICE!

IS hereby given that Mr. JAMES SAUNDERS (Mahlazi- bhekela), late of Koffyfontein, has been appointed Superintendent of Natives and Compounds at Jagersfontein, and will commence his duties on the 19th of this month.

By order,
NELSON S. GIRDLESTONE, 'Secretary.

Kimberley, August 14th, 1895.

WANTED

FOR the above Mine, any number of able-bodied NATIVES, to work on the Floors and in the Mine.

Good Wages, Food Free, and Good Treatment.

2211

GIBBERD & BRYANT,

KING WILLIAMS TOWN.

Banefandesi Elikulu Ngoku!!

Iprinti ze 6d	Zitotyelwe kwi 4d.	
Iflannelette ze 6d	„	4d.
Iblouse ezishushu ze 3/11	„	1/11
Ibatyi zamanenekazi ze 13/6	„	7/11
I Cape „ 16/11	„	10 6
10/-	„	5/11 ne 6/11
Izihlangu zamanenekazi ze 6/11	„	4/11

Okuseleyo! Kutengiswa tshipu kakulu.

EZAMADODA INGUBO!

Idyasi Zamadoda ezinezi ngxobo ze Flannel nga- pakati 10/6 inye
Ibhulukwe zoboya Zamadodo ze 10/6, zitotyelwe kwi 4/11
Ihempe entle ye Ntenetya enekolala ne ngxowa yayo yi 3/3

Yizani kuziketela KWANGOKU!

Ukuvulwa Kwetyalike

Yamawesile Antsundu,

E-QONCE.

KWAZISWA, kucelwa izandla ezishushu kwizizwe, nabantu ne-nteto - ukuba

ITYALIKE ENTSHA

yelibandla iyakuqala ukuvulwa NGOLWESI-

HLANU, JULY 17, 1896

Umsebenzi uyakuqutywa ngoluhlobo:

Ngolwesi-Hlanu, 17 July—

11 a.m., Yinkonzo yokusiyaleza ku Tixo Isakiwo. Umpati wayo Rev. P. TEARL.E, Umongameli we Komfa.

Kuya kuhlonyelwa kule—Intlanganiso Yokusingata Ingeniso ne Ncito nge- sisakiwo siludumo lwabantsundu bonke bomandla .we, Qonce. Umpati Captain VELDTMAN, welama Mfengu, yoqutywa de kube se-Mala- nga.

7:30 p.m., Intshumayelo, Rev. JOHN SIKWEBU, wase Cwaru, Peddie,

Ngo Mgqibelo, 18 July—

8 p.m., Itimiti Enkulu, nokuvuma kwa maqela. Ixabiso lokungena 2s. aba- kulu, 1s labantwana.

Nge Cawa, 19 July—

11 a.m., Intshumayelo Yoqutywa ngu- Rev. R. LAMPLOUGH, Obengu- mongameli we Siqingata.

3 p.m., Intshumalyelo, ngu Rev. BEN. S. DLEPU wase Seplan

7 p.m., Intshumayelo, ngu Chief WILLIAM S. KAMA, wase Ann- shaw.

Nge Cawa, 26 July—

11 a.m. no 7 p.m./ Intshumayelo, ngu Rev. W. B. RUBUSANA, we Dipente, e Monti.

Nge Cawa, 2 August—

11 a.m. no 7 p.m., Intshumayelo, ngu Rev, J. NCALO, waae Perksdale

Kuyakubako no Mtendeleko Omkulu we Sakiti yonke yase Qonce, ezinga- sakubako izikonzo zama pandle.

Nge Cawa, 9 August—

11 a.m., 7 p.m., Intshumayelo, ngu Rev. J. HARPER, we .Dipente, e Qonce.

Abantu bamgama baya kwazisa Umfundisi ngokufika kwabo.

J. MAHONGA, School Street,
Umfundisi.

..........J. TENGO-JABAVU Amagosa
S. SITELA Esakiti.

King Williams Town,
July 1,1896,

PILISA

UMBUYISELI

WEGAZI OMKULU

ELONA YEZA LIYINKUNZI E- KUNYANGENI ZONKE IZIFO EZIBANGWA KUNGCOLA kwe GAZI.

Ukuba uneqabanga tata u Pilisa Ukuba unamatumba tata u Pilisa Ukuba ujadukile tata u Pilisa Ukuba uqinile tata u Pilisa Ukuba unesibindi tata u Pilisa Ukuba umana udumba tata Pilisa Ukuba akudli tata u Pilisa Ukuba ubundongela tata Pilisa Unamabala entlungu tata u Pilisa

BANINZI ABALINGQINAYO.

2/6 nge Botile, ngeposi 3/2.

Linokazuzwa kuzozonke indlu zamayeza, nakumenzi walokanye u

H. T. DOBLE,

CHEMIST, ETC.,

KING WILLIAMS TOWN

UMCHIZA KA

LUMSDEN.

UMFULAWENJA	Esisifo asinto yi- mbi' ngapandle kokuba sisuke si- wugqibe wonke umzi ngaxesha nye. Siqala ngo- kumana umntu eqaqazelayingqe- le, kude kube buhlungu nengalo nemiqolo, njalo njalo, ize kufike Intloko ebuhlu- ngu, Nomqala, ne situkutezi, noku- tamba. Ukuba uqalwa zezi zifo funa Ibbtile ka LUMSDEN Yoku- nyanga Umfula- wenja (Influenza Specific) olungele Ingqele, Intloko, njalo njalo.
UMFULAWENJA	
UMFULAWENJA	
UMFULAWENJA	
UMFULAWENJA	
UMFULAWENJA	
UMFULAWENJA	
UMFULAWENJA	
UMFULAWENJA	
UMFULAWENJA	
UMFULAWENJA	
UMFULAWENJA	

IXABISO : 2/- ne 2 6 nge POST.

UTENGISWA KUPELA NGU

R. LUMSDEN & CO.

MACLEAN STREET,

King Williamstown.

IKAYA LABANTSUNDU,

NE- VENKILE,

E QONCE.

SIYAWAZISA umzi wakowetu ukuba zisamana zifika Iqiya Ezibukali ze SILIKA ezina Maqhina e Minqwazi (Caps) yazo.

Kufike ne MPAHLA ENTSHA ye Bhola ne Tenis. luleli yodwa thu ! ! ! Amapini aqala ku 6/6 ye ku 21/6 ne 21'6.

PAUL XINIWE, General Agent,

King William's Town and East London.

QONDANI KAKUHLE

—UKUBA—

INCINDI KA GREY

—YE—

LINSEED

ISE LELONA

YEZA LIPAMBILI

EKUKOHLELENI,

ENGQELENI

KU MAFULWENJA.

Lipilisa kamsinyane apo amanye mayeza Aanqatyelwayo.

Walumkeleni amayeza afana nalo, kanti ngawenkohliso.

Bizani elika GREY, nize niqonde kaku- hle ke ukuba nifumana lona kanye. Eli- yeza liyangqinwa ngabo bonke, njengo- kuba intengiso yalo ebanzi isalata.

UMNINILO NGU :

G. E. COOK

CHEMIST AND DRUGGIST,

DOWNING STREET & CAMBRIDGE ROAD,

KING WILLIAMS TOWN.

Linokufunyawa ku Barwebi, Abapiti- kezi Mayeza, nase Zitoreni kuyo yonke e Koloni.

IXABISO : 1/6 IBHOTILE.

UKOHLOKOHLO OLUBI.

UKOHLOKOHLOOLUBI. UKOHLOKOHLO OLUBI.

" 94, Commercial Road, Peckham, July 12,

" Nkosi Etandekayo, — Ndingumntu oliqitala ekuvakaliseni izimvo zam, kodwa noko ndingatanda ukukubulela. I lozenges zako zenze ummangaliso ukudambisa ukohlelo Iwam olubi. U- kususela kwixa lokutyandwa koqoqoqo wam ngamagqira (njengomfi Ikumkani yase Germany, emakubulelwe u Tixo kuba ndisapilile mua, ekubeni yona yafa) okwenziwa kwi Hospatala yase St. Bartholomew, akuko lukohlelo be- lunokuba ngapezu kolo; ngamanye amaxesha belude lubange ukutyafa, Izikohlela, ebeziba zininzi, zilukuni. zite zacombuluka, lubehle lwandiyeka ngapandle kwenkatazo.—Ndim, nkosi, owako onyanisekileyo, J. HILL,

UBUNGQINA BE GQIRA. UBUNGQINA BE GQIRA. UBUNGQINA BE GQIBA.

" Reuth Park, Cardiff, South Wales, Sept. 28,1893.

" Enyanisweni, ndinovuyo olukulu nam ekunikeni obam ubungqina boku- lunga kwe Lozenges zako zo Kohlelo, kuleminyaka isibhozo idluleyo sendi- yalela ukuba kusetyenziswe zona ku- bantu endibanyangayo e hospatala nangapandle, ndazifumana zinceda kakulu. Ndikatazwa futi ngumqala; zi Lozenges zako kupela eziti zibe no- kundinceda. Kengoko i Lozenges zako ndinokuziyale a kabukali emzini onga- ba ukatazwa zizifo zomqala, ukohlelo ebusika, nazipiua izifo zemipunga.— Enyanisweni owako, A. GABRIEL, M.D., L.R.C.P. andL.M., Edinburgh.

L.R.C.S. and L.M. Edinburgh.

Sebenzisa i Lozenges zika Keating Sebenzisa i Lozenges zika Keating Sebenzisa i Lozenges zika Keating

" IMINYAKA EDLULEYO i 75" zati za- qala ukwenziwa i LOZENGES zika KEATING, yaye intengiso yazo isanda, kuba ziugagqitwa yeza ekudambiseni nase kupiliseni ukohlelo ebusika, am- befu, nomqala ; iuye kupela iyanceda.

AZIGQITWA NALILIPINA, AZIGQITWA NALILIPINA. AZIGQITWA NALILIPINA.

Ezika Keating i Lozenges zo Kohlelo, lelona yeza lingagqitwa nalilipina EKUKOHLELENI. UKUTSHA ILIZWI, ne NKATAZO ZOMQALA, zitengiswa nge. Nkonxana ne Bhotile zi Chemists zonke.

ORSMOND'S

PREPARATIONS

GREAT AFRICAN

REMEDY

THE STANDARD DOMESTIC

MEDICINE

FOR FEVERS AND COMPLAINTS OF THE HOME
Vide PAMPHLET.

ANTI-RELAX

GUARANTEED SPECIFIC

FOR COLIC, DIARRHCEA, DYSENTERY, AND SUMMI BOWEL COMPLAINTS.

BLOOD

PURIFIER

FOR KIDNEY AND URINARY DISORDERS, ECZEMA AND ERUPTIONS, SORES, SYPHILIS, SCROFULA.
UNRIVALLED TONIC FOR FEMALES.

FRUIT PILLS

FOR LIVER, STOMACH AND BOWELS, PILES AND CONSTIPATION.
ARE MILD AND EFFECTIVE.

HERBAL OINTMENT

FOR NEW AND OLD SORES, SKIN DISEASES, RHEUMATISM, PAINS IN JOINTS AND MUSCLES SPRAINS, INFLAMMATORY SWELLINGS.

PREPARED by G. E. COOK,

MEDICAL HALL,
KING WILLIAM'S TOWN



BISSEKER, GEORGE

AND CO.

Abatengisi Abakulu Bezihlangu,

101, Main Street, E Bhai.

BAGCINA IMFUMBA

IZIHLANGU NE SHUZI

EZI LUNGELE

UKUHAMBA, UKUKWELA, NO- KUHLALA EKAYA, UKUHAMBA ISIKOLO, NOKU- SEBENZA EMASIMINI.

Ezo Bisseker, George & Co. Izihlangu zihle nase mehlweni; ziyamhlala kamnandi umntu, zinjalonje ziya- xolisa.

Bonke abalesi be MVO NELISO LOMZI *ba- yanoyishwa ukuba bezekulomzi, ba- yanoyishwa, ukuba bezekulomzi, batenge into abazitengayo kona.*

Bisseker, George & Co.

IKAYA LABA HAMBI.

E BAI

KUMANDI ukubandivakalise ukuba ngenxa yokusweleka kwe ndawo enje ngale yabantu Abantsundu e Bhai, u Mr. O. HENDERSON, um Afrika wase America, ngoku umise IKAYA labo bonke abanga bango nwaba xa bakude namakaya abo.

Abahambi babizwa imalana elula ngokuhlala, batye kona.

Resolute Boarding House Russel Road Port Elizabeth

Umanyano Ngemihlaba

INTLANGANISO (evuleke kumntu wonke) yo Manyano ngokutengwa kwemihlaba nokurweba, iyakuba se QONCE ngo

MGQIBELO, 18 JULY, 1896 emini,

ukuqukumbela imicimbi enga- mandla nokukupa izahlulo.

PAUL XINIWE,
1] Sec. pro. tem.

Kulahleke or Kubiwe

BONISANI.—Kwizihlobo ezise Gcu- wa nase Dutywa, ndicela amehlo nge NKABI ye HASHE EBOMVU BUNTSUNDU, line kolo ebunzi indlebe yase kunene ipaulwe, likutukile enta- nyeni ngumqobosho. Ondilandisileyo wovuzwa-nge 10s.

P. M. LOKWE
Katkop,
3167] Alaclear.

Kufunwa

ITITSHALA eyindoda, enesiqiniselo, kwissi kolo sase Wesile, e Naauw- poort Junction. Umvuzo £42 ngonyaka. Umsibenzi woqalwa nge 15 ku July, mayibe nolwazi ngesi Bhulu,

Ko bhalelwa, kutunyelwa namapepa emfaneleko ku
REV. JOSEPH WARD,
Colesberg.

UMNCEDISI oyi nkazana, wokufundisa kwisi kolo sase Wesile, e Colesberg. Makabe usipumele Isiqibi Sesihlanu.

Kobhalelwa, kutunyelwe iziqiniselo ku
REV. JOSEPH WARD,
397] Colesberg.

Abazelweyo.

GOVO.—E Johannesburg, ngomhla we 9 ku June, 1896, Inkosikazi yakwa Solomon Govo ibeleke UNYA- NA. [397

Abatshatileyo.

MLILWANA-MADOSI.—E Qonce, ngolwesi-bini 7 July, 1896, Kwityalike yama Wesile, kutshatiswe ngu Rev. J. Mahonga, u ROBERT B., unyana wesibini ka Mr. Mlilwana, wase Komani, no LETTITIA intombi ekuku- pelo kwayo ka Mr. Simon Madosi, wase Mxumbu. [237

Imibiko.

MVULA.—Kubhubhe, e Kaba Location, Uitenhage, 10 June, 1896, u GEDEON MILTON MVULA, unyana omkulu ka Thobius no Sarah Mvulu. Nge 18 kwabhubha u PETER SENYANE MVULA, unyana olandele u Gedeon kwa wo Thobius no Sarah Mvulu, e Tinara (Uitenhage). [397

SHOSHA.—Kubhubhe, emva kwe ntlungu ezinkulu, e Qanda u GLADSTONE T. VUYO, unyana wamazi- bulo ka Emma no Elijah Shosha, kusasa nge Cawa, 21 June, 1896. Ubudala yiminyaka emitatu ne nyanga ezili- shumi. [397

FIGLAN.—E Kimberley, ngomhla we 10 ka June, 1896, kubhubhe u Miss ANNIE FIGLAN. Izihlobo maza- mkele lombiko.

Umbulelo wetu mkulu ku Rev. D Msi- kinya, nabantu be namente yase, Tshatshi, ngokukulu ku Mrs. Makubalo, ngobubele ababubonakalise ngexa lobu- nzima, nelosizi.

PAMBANI FIGLAN.
Kimberley, 13 June, 1896. [397
Indlela Yokubhalela.

ZONKE izihlobo zam mazenjenje ngoku ukundibalela :—

S. P. MANGCU
St. Patrick's Mission School
297] ' Humansdorp.

XABANISA.—Kubhubhe u CLEO- PATHRIA EMMA VIOLET, intombi yama zibulo ka Patrick no Lettie Xabanisa, base Mgcwe, obudala bu 8 yrs. 9 mo., nge 19 June, 1896, e Middelburg. Umzi, ngoku kodwa amakosazana, uyabulelwa. [3237

JULY (Ncwabakazi) 31.

AMAXESHA ENYANGA.

3, Elokugqibela 3'5 am
10. Entsha ... 9'12 pm
17, Elokuqala ... 5.46 pm
24, Ezeleyo ... 8'25 am

1	T		6 45	4 38
2	ST -		6 45	4 38
3	H		G 45	4 39
4	M		6 45	4 39
5	0	*Icawa 5 emva kwe Trinity*	6 15	40
6	Mv		6 44	4 40
7	B		6 44	1 41
8	T		6 44	1 41
9	N		6 44	4 42
10	H	Wazalwa u Columbus 1847	6 44	4 42
11	M	Umlilo kwa Mgibisa 1888	6 434	43
12	‿	*Icawa 6 emva kwe Trinity*	6 434	43
13	Mv	Wabhubha u Hon.W. Por.	6 434	44
14	B	[ter, 1880.	6 424	45
15	T	Ziyavulwa Izikolo.	6 42	4 45
16	N		6 424	46
17	H	[ley, 1881.	6 41	4 47
18	M	Wabhubha u Dean Stan-	6 41	1 47
19	‿	*Icawa 7 emva kwe Trinity*	6 10	4 48
20	Mv	Wazalw' u Lord Derby '26	6 40	4 48
21	B	Wabhubha M Rev. Jas. B	6 39	4 49
22	T	[Sakuba, 1893	6 38	4 50
23	X		6 38	4 50
24	H		6 37	4 51
25	M		6 37	4 52
26	‿	*Icawa 8 emva kwe Trinity*	6 36	4 53
27	Mv		6 35	1 53
28	B	U Sir B. Frere e Rini.	6 35	1 54
29	T		6 34	4 55
30	N		6 33	1 55
31	H	I	6 32	4 56

ABALIMI NGALENYANGA.

Ibako kakulu iqabaka. kwanomoya. Imbewu ezinokutuwayelwa ngenyanga egqitileyo zinokuhlwayelwa nangayo le. Maugalelwe umgquba kugeleshwe um- hlaba ongazi kulinywa kwangoku.

BANINZI abangati bakufunda okuxelwa ngu Mr. ROBERT ROWLES, wase Holland Va., abangakumbulayo ngamava aba- nawo kwizinto eziejalo. Ebusika nya- kenye, ndanvinokungcungcuteka okwa- nvibangela ukutyafa okukulu. Ndase- benzisa into eninzi yamayeza ekuugabako nalinye elindincedayo, nvade ndasebe- nzisa. I botile yokuqala yandinika amandla ukuba ndesebenze yaza eyesibini yandipilisa ngqe. Litengiswa ngu.— R. LUMSDEN & Co., umpitikezi mayeza e Qonce.

Isaziso Somshicileli.

INDLELA YOKUTUMELA INTLAULO.

Abahlobo betu bayaziswa ukuba eyona ndlela ilunge kanye ukutu- mela intlaulo yepepa kungepepa lase Posini, (P.O.O.) kuba inokula- ndeka kakuhle edungudeleyo nga- yo.

Kwabangena matuba, eposi ezi- hambisa imali abalunge kwi Koloni yase Kapa banokutuma izitampu. Zeze halafu (1/2d) ezamkeleka nga- pezu kwazo zonke. Inkatazo yazo kuti zibe nzima xa zizininzi; kodwa umntu angabeka isitampu nga- pezulu xa oyikela ubunzima. Izi- tampu zamanye amazwe azifunwa apa.

Imvo Neliso Lomzi

NGOLWESI-NE, JULY 9, 1896.

IVEKI

SIVAKALISA umpanga ka Mnyanda inkosi endala yase Qugqwala, olishiye ilizwe selemdala ngo 3 July.

AMA Ndebele amenze ukumkani wawo u Mnyaanda. Ngunyana ka Lobengula, obe pambili kwesisipitipiti.

UCINGO oluhambisa indaba luke Iwa- tshecwa pakati ko Mtali ne Salisbury kwelase Mashona. Kaloku kona liya- pitizela.

U SIR HERCULES ROBINSON ujizwe ngewonga lobupakati obukulu lobu Lord, ngenxa yemigudu yake mayelana nesipitipiti sase Transvaal.

ITYALA lika Jameson liyakutetwa kwe- yona Nkundla Inkulu yamatyala pambi kwe Jaji Enkulu u Russell, no Baron Pollock, no Justice Hawkins.

E PALAMENTE u Sir Gordon ependula u Mr. Hay ute, nokuba siwe ngalipina icala isibeno ngo Sigcau akasakwenziwa nto xa eseloko ezipete kakuhle.

AMAPEPA ase Kapa nencwadi ezam- kelwe yi Nkulu yomzi—zonke zivume- lana ngeliti kuko ibuto lama Joni eliza kutunyelwa e Qonce ngumbuso wase England, ayakuba malunga ne 1.500.

ABELUNGU belakwa Mzilikazi bane- ntlanganiso abazenzayo zokuxokozelela ukuba u Mr. Rhodes abuyiselwe esitu- Iweni sokulaula elo, abeziroxise kuso ngenx' enezipitipiti zakwa Mzilikazi. Okwangoku lowo mnumzana uzenze ivalanti kumkosi ka Col. Plumer.

IGQUGULA le Sebe le Mingxuma, ne ntlanganiso yemingxuma, neqela laba- pati bemingxuma e Johannesburg, onke lomaqela alinga ukuncedisana ukuzama i Bandla lase Transvaal (Raad) ukuba lenze umteto wokutintela ukutengiswa kotywala kwabantsundu. Lixesha lalo- nto kanye eli.

U SIR GORDON SPRIGG ute e Palamente ngokwengcingo azifumeneyo zivela kwelipesheya kwe Nciba, uhleli enga- qinisekile kusisa kusihlwa ukuba aku- ngeti kusisa ngenye imini ibe iyindyi- kitya yemfazwe. Lenteto ingena siseko yepantsi neyokuhlazisa amawetu, angele yiroxisa oyi Nkulu, kuba bengazange babe kolunje uxolo abantsundu.

Kwi Komfa yama Wesile e Durban, u Rev. William Flint ucelwe ukuba atabate umsebenzi wokulungiselela ukushicilelwa kwepepa lendaba elijonge amalungclo e Bandla eliyi Wesleyan Methodist lase South Africa, abe ngu mhleli walo. U Mr. Flint ke seyewa- fezile amalungiselelo, lopuma ke elo pepa okokuqala ngolwesi-Bini, ngomhla wesitandatu ku August; kotiwa igama lalo yi *Methodist Churchman.* Loba namapepa alishumi elinesitandatu lipume iveki zonke, libe lelona pepa likulu lendaba ezingonqulo eliselike lashicilelwa e South Africa.

UMKOSI ka Col. Plumer uke waqubi- sana nama Ndebele ekuseni kwe Sabata le ipelileyo, balwa kwada kwase mini enkulu. Ezonjovane zema kwindawo eqinileyo zalwa kwamdaka, zada zagxotwa. Kutiwa ama Ndebele ala- hlekelwe likulu. U Col. Plumer uti- mbe inkomo ezingama 800, negusha ezingama 2000, kodwa walahlekelwa ngaba babuleweyo: Troopers Courtenay, Langton, no O'Reilly, Corporals James F. Pringle no Jordan; Privates Berg, Stevens, Bolsam. Peters, Swarts; abangxwelerweyo kakulu : Troopers Hill no Meyer; Privates Kreil, Collins, Du Ploy, Langerveldt, Hendricks; abangxwelerwe kuhle: Troopers David, Ernest, Arthur, Du Preez no Abraham ; Privates Tomasso no Frickie.

UMCIMBI wetyala lika Matyolo ubu- pambi kwe Mantyi yase Monti ngo Mvulo lo ugqitileyo. Isipumo sawo ibe kukuba ati u Haines lowo owabetwa ngomhla wama 20 ku June avume ukuba uposise ekufaniseni. Ubungqina balomcimbi bebucace kakuhle kuba esisenzo senzeka emini emaqanda. Bekunqabile ukuba ibe ngu Matyolo kuba yena wagodukela apa e Qonce ngobusuku obungapambili, ebetwa nje lomntu yena seyesemsebenzini wake. Indawo ekungayo ke ngoku yeyokuxo- liswa kwalendoda yoniweyo, kuba aku- ngenyamezeleki ukuti abantu bafane bamangalele abanye abangena tyala, bafakwe kwinkatazo ezinzima ngokwase mzimbeni nase ngqondweni ize lonka- tazo yonwabe yona. Ukuba kunjalo akungebiko mntu usindileyo. Ama- polisa ase Monti nawo aposisa kakulu ngokukupa ngokubamba umntu ngo- bungqina obunjeya.

UKUVULA NGEVEKI EZAYO.

KUMZUZU senze ibandezi ngo- kuvulwa kwe Tyalike e Qonce. Namhla sivakalisa ukuba lowo msebenzi sewungeveki ezayo. Ungumcimbi okufaneleyo ukudu- nyiswa kunene ngumzi wonke, nangapaya kwemida eyahlula ama- hlelo. Esivuyayo ukupaula ngefute lokuza kwawo ukuba sekunjalo. Kwelama; Bandla icala oyena mfu- ndisi usesihlalweni se Nkomfa yama Wesile nonyaka uya kubako aqube umsebenzi, nabanye abafundisi bo- dumo baya kubako; nabezinye imvaba ezishushu pezu kokwenza mkulu u KRISTU ngapezu kwezinto ezizezekudumisa abantu namasiko, nabo baya kubako Kwakona njengokuba izaziso sezalatisile, Inkosi zohlanga ezidumileyo ziya kuza nezipakati zazo, zisuka nakwe- zimgama indawo; zaye ezimbini, ezimkonza u Tixo nangokupapusha ludaba Ezilungileyo—o Nkosi WIL- LIAM SHAW KAMA no Nkosi VELDTMAN BIKITSHA—bewunike isihomo umsebenzi we NKOSI ye Nkosi. Ngezi, nangezinye imbasa, kunoku- qondwa ukuba into le inkulu ukude idunyiswe zizihandiba ezinje kwezama Bandla nakwezobuhlanga.

Indlu le ikufanele oku kudunyi- swa. Iyeyohlanga, icingwe nga- bohlanga, yakiwa ngamacebo abo kwada kwakwinto yokugqibela. Ngokutsho kwabo bonke abake bayibona ubuhle bayo buya wunca- misa umxhelo ngangoko unokunca- nyiswa zinto zelixesha Ingumse- benzi oludumo luhle kwabantsundu bonke emehlweni abamhlope abazi i Netevu bengacaluli mahlelo, nasizwe, nanteto kuzo bona. Ute unjalo wema endaweni ebunduli, ekumbuza nge Tsiyon, wabonakala kakuhle kwimbuto enkulu ye Malike e Qonce. Ngokoke wasolo- ko upambi kweliso lake wonke ohambele apa. Umandla we Qonce, ngolu balo lwabantu Iwaluko, walandela i Kapa ngobuninzi baba- ntu, wapambili le kweminye ngobu ninzi babantsundu. Apa e Koloni ke ulibhotwe labantsundu. Xa kunjalo ke kufanelekile ukuba umntu ontsundu akubonakalise e Qonce edolopini ukukanya kwake, kuba akungebonakali kwezinye indawo ezingeyiyo itawuni. Ngezi zizatu ubufanele umzi ukuwudumisa kangaka lomsebenzi esinga ungazi- lahlela kulonkonzo ngeveki ezayo ngapandle kwamakwele ngenx' enokuba into le iludumo Iwabantu abantsundu bomahlulo we Qonce. Xa kunjalo ke ebefanele ukusuka pezulu onke amapandle e Qonce— ama Kolwa, ngapandle kokumka nenkunkuma engeni ebusweni be Nkosi yama Hlelo, neyendawo— ukuti asimele Qonce, njalo njalo. Ukwenjenje ke siwuyaleza shushu emzini lomsebenzi kuba siqinisekile ukuba ungowanike igama elihle nawo ngobuhle bawo.

Impawana.

Kutiwa okwelixesha zise wakeni inqwelo eziwela kumcancato wase Nciba ngenyanga enye, zitwele izinto ekupilwa ngazo ngabantu kwesisituba simelwe yi Koloni le nelipesheya kwe Nciba.

—o—

Kuko enye imambane yebala— akuqondakali nokuba li Lawu, Mame- lika, ntonina—ekoyo kweli ngokufuna ukudala kwa ihlelo lokunqula pakati kwabantsundu. Kakade njengokuba befumene umzi oqalayo ukutungulula ababantu baba nembungumbungu abayifumanayo ukuba ilandele. Om- nye waka wada wati, ungafanelana umise isipato somnyani ungababfuma- na abantu bokusilandela. Injalo ke lonto.

INCOKO.

Yinto entle ukuba abazali babafundise besebancinane abantwana babo ukumazi nokumkonza u Tixo. Kulusizi ukuba ku- beko abazali abazinikele amagxalaba aba- ndayo inkonzo ezuke njengale.

Sitsho kuba umntwana udla ngokuyiba- tnba ayinyamekele into ayifundinwe nguyise ngokukodwa ngunina ebuncinaneni bake.

Abamhlopo bona bantu sebeyiqondile ubunzima balento, bamqeqesha eselula umntwana ngokumana unina uoyise bemxe- lela amabali ase Sibhalweni, beluleka ingqandwana yake encinane.

Ukomelela koluhlanga luma Ngesi kuso- keiwe pezu kwale nkonzo poqo, kangango- kuba kubo knko abantwana abakula bezi- ntshaba " nemve'.a," nezono ezingoolisa umzimba nompefumlo.

Enye yembangeli ezitsalele pantsi uhla- nga esilulo yintswela ngqeqesho efezekileyo yabantwana ngabaza babaninzi, nabona bati bapumile ekufeni bangena ekukanyeni."

Enye intwazana encinane emhlope ike yaya kuyise ilila isiti:—

" Bawo, ndincede, utete no Tixo wena mntu uneiizwi elikulu, elam lincikan e ka- ngangokuba ndiyoyika u Tixo njengokuba ekude kangaka nje akaliva."

Uyise obemfundise ngenyameko umntana wake ngo Tixo wayibamba ngesandla lento, mbazana wenjenje : —

" Mntwana wam okwenene u Tixo unga- cinga ukuba u Tixo ukude, kanjalo ungqo- ngwe ngamawakawaka engelose nabangcwe- le abavuma ingoma ezimnandi Zokumdu- misa, kanti bonke apa uyabayalela esiti yitini cwaka! kuko intwazana encinane emhlabeni efuna ukuteta into kum."

Enye indodana eyayikwaqeqeshwe ngale ndlela ngabazali bayo, yati ngamhla utile ihamba isihla nesitalato somzi omkulu yagqita kumnyango wenkanti, nalapo kwa- kudlalwa amakaliti ngabalingane bayo.

Kakade bate bakumbona umlingane wabo bamnoyishela ekubeni angene abengoweqela labo. Kodwa lendodana yapendula yati :

" Ndinomteto, umteto onyanzelekileyo, endingangi ndingawapula, oti, mandinga- ngeni kwimbuto kwimbuto ezinjengale nikoyo."

Bampendule abalingane bati: "Yiza mfondini, musa ukuzenza umfazi ngalendlela yiza ube yindoda."

" Hayi, andingeyapule lemiteto ndinayo kuba yebaluleke kunene ! "

" Yimiteto mini yona le uti unayo, kawu- role sibone? " Tendodana hole engxoweni ipepa elisongwe kakuhle, walicombulula esiti, " yiyo le apa ke lomiteto."

Ulite hlasi omnye kubalingane walifunda kakulu, wenjenje: " Bambelela eluqeqe- shweni, mus' ukuluyeka. Lulondoloze kuba lububomi bako.

Musukungena endleleni yaboni, unganya- teli endleleni yaba nobubi, yiyeke ; onoku- gqita kuyo yicezele ugqite."

" Yabonanike," yapendula lendodana " imiteto endipantsi kwayo ayindivumeli ukuba ndibeko pakati kwenu, yatsho yegqi. ta yahamba, noko abalingane bayo babeyi sinekela beyinyelisa.

Omnye umtika kwisixeko osikulu waka wati emva kokushumayela intshumayelo yangokuhlwa wahamba ukugoduka, uwelwe zihange ekoneni yesitilato.

Uti ke xa ayibalisayo lembali—kuncede u Tixo ngokutumela amapolisa amabini okanye izibange ngezimkabe wapuma mpela u Satana kuye,

Ngendevu ezitsolo iviwe enye imambane imemelela isiti:—

Hayi ilishwa lam,
Kuba amanenekazi awancumi akundibona ;
Ayancuma kwakugqita esasixatoto sendoda,
Ayancuma kwakugqita nomlingane wam lowa,
Ayancuma kwakugqita nelatyendyana lisuti ingwevu :
Ayahleka ade avelise nelomhlati ;
Kodwa hayi kum awenjenjalo, Ngani? kuba ndingena ndevu zitsolo! Ndinobucopo obukulu, ndinokwazi okukulu,
Ndinokuwupicota ngentupa wonke umteto ;
Ndinokulifundisa elatyendyana lisuti ingwe- vu iminyaka emashumi mabini, Kanjalo ndinetiki ezaneleyo e Bankeni; Kodwa amanenekazi awandiseso,
Ngani? kuba baneunevu ezitsolo, mna andinazo,
Fanisa apo ntombi.

IPALAMENTE.

UMTETO WOTYWALA.

U MR. INNES ute ekundululeni ukuba ufundwe okwesibini lomteto wokutengi- swa kotywala, lomteto afumene ilungelo lokuwubeka pambi kwe Bandla awumde kakulu ; kodwa ke ucinga ukuba ubalu- lekile kakulu kwelilizwe. (Ukuduma.) Indawo zintatu ezipetweyo kuwo. Indawo yokuqala yeyokunqumamisa ukute- ngiswa kotywala kwabantsundu; eyesibini kukuhlaziywa kwe lasenisi ze hotele nenkanti ezise zindleleni, eyesitatu iti- ntela ukwenziwa nokudliwa komqomboti. Uke wakumbuza i Bandla ukuba nyake- nye kekwako umteto oteta kwangotywala owawungeniswa lilungu lase Barkly West (u Mr. Schreiuer). Ezindawo azingenisa namhlanje zintle, nangani zingelinganiswe nezo zalomhla, Ute unqwenela ukwenza abe mbalwa ngesi- qendu sokuqala somteto, esi sokunquma- misa ukutengiswa kotywala kwabantsundu, noko angafuniyo ukungena kakulu ekubalulekeni kwalomcimbi. Lom- cimbi mkulu ngamacala onke. Ute bonke bayaqonda ukuba yenye yezinto ezinkulu ezingenzelwa ukulungisa ubume belilizwe ngokwase buntwini nase similweni, uku- ti kubeko isitintelo nokuba sesalupina uhlobo ekutengisweni kotywala kwaba ntsundu, (Ukuduma.) Nokuba lendawo bayikangela ngeliso lokuba bona besisi- zwe esingapezulu kwezinye kwelilizwe, nangendawo abakuyo mayelana nezo zizwe zipantsi kwabo; nokuba mhlaumbi bakangele kwinto zamehlo—ezinje ngo- kusindisa ezontlanga, sifike isipumo salomcimbi sibe siuye, esi sokuba buti- ntelwe utywala bungatengiswa kwaba ntsundu. Ute akufuneki ngani ukuxela ukuba lomonakalo mkulu ukoyo ngezi ntsizi zibangwa bobutywala, into ke leyo eyande kwabantsundu ngapezu kwaba mhlope. Ezondawo ute azina kupikwa bani, ngoko uyazishiya. Into afuna ika- ngelwe yeyona ndlela intle yokwenziwa kwalonto yokunqumamisa utywala, Ute kuko iziqingata ezazimiselwe ukuba kungatengiswa tywala kwabantsundu kuzo, ngu Rulumeni, emazishunya- yelwe ke ati otengise kuzo utywala kontsundu abe wapule umteto. Ute akayingeni okweloxesha indawo yokuba kusitiwa xa abantu banokuvota banako ukutenga utywala. Into angayaiatayo yeyokuba umteto abanokuwenza mawa- yamane noka Hofmeyr we 1887; abana kwenza ngakumbi. Xa kwakusenziwa nmteto we 1891 lomcimbi wokutengiswa kotywala kontsundu awupatwanga ngenxa yalomteto ka Hofmeyr, nangenxa yokuba u Rulumeni yayimanele imiteto yotywala awaye yipete. Kodwa emva koko bafumene ingxelo yeqela lokupicota umsebenzi, elabonakalisa ukuba kuya- funeka kupelisiwe ukutengiswa kotywa- la kontsundu.

U SIR T. UPINGTON: Uya kuwupi ?

